XHOFA

ISEBE LEMFUNDO LEMPUMA KOLONI
EASTERN CAPE EDUCATION DEPARTMENT
OOS-KAAP ONDERWYSDEPARTEMENT

IIMVIWO ZEBANGA LOKUGQIBELA
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NASIONALE SENIOR SERTIFIKAAT-EKSAMEN

# UVIWO LOKUXABANGELA 2009

---

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LESIBINI

---

**IXESHA: 2 iiyure**
**AMANQAKU: 70**

**TIME: 2 hours**
**MARKS: 70**

**TYD: 2 uur**
**PUNTE: 70**

*Bhala emva kwegama "Subject" -*
**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LESIBINI**

Olu viwo lunamaphepha ali - 15.

## IMIYALELO

Eli phepha lahlulwe langamacandelo amane ami ngolu hlobo:

1. ICANDELO A: INOVELI (AKUSEKHO KONWABA)
   ICANDELO B: AMABALANA (APHA NAPHAYA)
   ICANDELO C: IDRAMA (UTHEMBISA NOMAKHAYA)
   ICANDELO D: IMIBONGO (AWESELWA 3)

2. Kulindeleke ukuba umvavanywa aphendule amacandelo **amaBINI** kuphela.

3. Kumacandelo amabini owakhethileyo: kwelinye phendula umbuzo **omfutshane uze** kwelinye uphendule umbuzo **omde**.

4. Ukuba ukhethe ICANDELO D, eliyimibuzo EMIFUTSHANE, kuya kunyanzeleka ukuba kwelinye icandelo ukhethe umbuzo OMDE.

5. Icandelo ngalinye linamanqaku angama-35, oko kukuthi kwiincwadi ezahlukeneyo:
   - uphendula umbuzo omnye omfutshane onamanqaku angama-35.
   - nombuzo omnye omde onamanqaku angama-35 kwiincwadi ezahlukeneyo.
     35x2 = 70 **AMANQAKU EWONKE**

## ICANDELO A: INOVELI

## (AKUSEKHO KONWABA – MOTHLABANE H.- UMGUQULI )

## IMIBUZO EMIFUTSHANE

**Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngocoselelo wandule ukuphendule imibuzo.**

## UMBUZO 1

1.1 "Siwanikile ama- Afrika imfundo yamaNgesi: Uqhube watsho njalo, uMnu Green. Kodwa enza ntoni ngayo? Ayikho. Abayiqondi ukuba akulunganga ukunyotywa kuba baqabuka seyisenziwa loo nto, bakhulela kuyo."

**(iphepha 3)**

1.1.1 Ikunika ngcingani ngama-Afrika le ntetho ikrwelelweyo? (2)

1.1.2 Ingaba yinyani okanye bubuxoki into yokuba imfundo yabantu abantsundu phambi kwenkululeko yayinomahluko kwimfundo yabantu abaMhlophe apha eMzantsi Afrika? Xhasa impendulo yakho ngomzekelo. (2)

1.1.3 Ingaba eli xesha kuthethwa ngalo kumbuzo wesi-1.1.2 yayileliphi ngokubhekiselele kumahluko kwezemfundo kubantu abaNtsundu nabaMhlophe apha eMzantsi Afrika? (1)

1.1.4 Ingaba amaUmuofia asithathe njani isenzo sika – Obi sokwamkela isinyobo? Ngqina oko ngokwazi kwakho ibali. (2)

1.2 "U-Obi wabuyela kwigunjana lakhe wafunda incwadi. Ebemana ukuphumela ngaphandle abuke ulwandle. Wayeqala ukukhe ahambe elwandle. Okwangoku ulwandle lwalusazolile kwaye lwalumnandi kuye olo hambo."

**(iphepha 9)**

1.2.1 Yintoni edla ngokwenza ukuba uhambo ngolwandle lungabi mnandi. Chaza. (2)

1.2.2 Ingaba uObi wachaphazeleka yimo yolwandle kolo hambo lwabo ngokwazi kwakho ibali? Chasa okanye uxhase unika umzekelo. (2)

1.2.3 Ngubani owathi watsala umdla kaObi kubahambi ababelapho? (1)

1.2.4 Chaza abantu ababini ababekhwele esikhepheni abangoontanga. (2)

1.3 "Baxoxa ke bobabini ithuba elide bethetha ngesihobe. Amanye amalungu ayengazi nto konke ngezifundo zoluncwadi. Bazenza ngathi bamamele ngomdla, phofu ukho yena owasuka ... Emva kwethuba, uSihlalo wafuna ukuqonda kwamanye amalungu ukuba ingaba ukho na omnye umbuzo. **(iphepha 16)**

1.3.1 Yintoni le yayidibanise la malungu? (1)

1.3.2 Ngubani owaye wanombuzo kule ndibano yala malungu angentla? (1)

1.3.3 Nika impendulo yalo wayebuzwa umbuzo. (2)

1.3.4 Ingaba impendulo oyinike kumbuzo u-(1.3.3) ongentla imveza njengomntu onjani u- Obi? Chaza. (2)

1.3.5 Zalisa isikhewu ngegama elifanelekileyo kwisicatshulwa esingentla. (1)

1.4 "Zakuba zimkile zonke iindwendwe, wathi gqi unina kaObi eze kumbulisa. Wamwola unyana wakhe emqinisile. Azaliswa zinyembezi amehlo kaObi akuphawula ukuguga nokubhitya kukanina, waqonda kananjalo ukuba noyise akaphilanga." **(iphepha 22)**

1.4.1 Ngubani igama likatata kaObi? (1)

1.4.2 Ingaba ukubhitya kwaba bazali kwakubangelwa yintoni? (2)

1.4.3 Nika izifo zibe zibini ezibangela ukubhitya ebantwini kweli xesha lethu. (2)

1.4.4 Yintoni le umama kaObi wayenqwenela ukuyibona phambi kokuba asweleke? Ingaba iminqweno yakhe yaphumelela? Chaza. (2)

1.5 "Umvuzo wakho ungaphaya kweemfuno zakho. Kodwa awusayi kwanela ukuba <u>unebatha.</u> Khumbula ukuba sonke sivela eUmuofia, size kunceda indawo yethu neentsapho zethu".

1.5.1 Ngubani owayesenza le ntetho? (1)

1.5.2 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa singentla? (1)

1.5.3 Zinto zini ezathethwa sesi sithethi apha ngasentla kubantu baseUmuofia? (2)

1.5.4 Wavakalelwa njani ekwakubhekiswa kuye kwisicatshulwa esingentla? Chaza ngokulazi kwakho ibali. (1)

1.5.5 Ngubani owaxelela umongameli ngemeko ka-Obi? (1)

1.5.6 Lo kuthethwa ngaye kumbuzo 1.5.5 wayenanjongo zini ngokuxelela umongameli ngemeko ka-Obi? (1)

**[35]**

**OKANYE**

**(AKUSEKHO KONWABA – MOTHLABANE H.- UMGUQULI)**

**IMIBUZO EMIDE**

**UMBUZO 2**

2.1 Jongisisa utolike lo mfanekiso ungezantsi uchaze uchaphazela ezi ngongoma zilandelayo ngokwazi kwakho ibali.



**(iphepha 21)**

2.1.1 Ikhaya likaObi.

2.1.2 Imeko yabazali bakaObi ngeli xesha.

2.1.3 Inxaxheba kaObi ukutshintsha imeko esemfanekisweni.

2.1.4 Uphawu lomnqamlezo oluseludongeni.

2.1.5 Amandla emfundo. (10)

2.2 "Inkolo, nokuba ngummi waseUmuofia ziye zanamandla kubomi bukaObi". Xhasa okanye uchase le ntetho ngokuthi ucaphule kwiziganeko ezithe zehla kule ncwadi. (10)

2.3 "UObi uye wanengxaki zemali". Chaza iingxaki athe wadibana nazo. **(iphepha 38)**

(15)
**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO B

## AMABALANA (APHA NAPHAYA – D.M.JONGILANGA)

## IMIBUZO EMIFUTSHANE

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi ngocoselelo wandule ukuphendula imibuzo:

## UMBUZO 3

3.1 Imini yokwalusa inkwenkwe yimini yeemini kwaXhosa. Aqala amaXhosa abe ndlongondlongo kuxutywe uburhalarhume nemincili kuba kuza kuzalwa umfo omtsha. Eli siko lidala, laye aliphelelwa xesha njengoko amanye asuke angonooxesha, athi nya emva koko. Lifanele ke kuba liyenye yeentsika zonqulo lwamaXhosa. Ungaqonda kule nto yokuba inkwenkwe phambi kokuba yaluswe iqala emlanjeni ize mhla yaphuthunywa endle igqibele emlanjeni, yandule ukuthanjiswa, bube ke buphelile ubunqambi kuyo. **(iphepha 43)**

3.1.1 Esi sicatshulwa sicatshulwe kweliphi ibali? (1)

3.1.2 Wayehlala kweyiphi ilokishi utata walo uza kwaluswa engoweyiphi ilali? (2)

3.1.3 Ukuqala kwenkwenkwe emlanjeni phambi kokuba yaluswe naxa ibuya endle, oko bekubonisa ntoni ngonqulo lwamaXhosa? (3)

3.1.4 Nika isithethantonye segama: ukunqula. (1)

3.1.5 Ngubani igama lomntakwabo Sizakele. (1)

3.1.6 Umama walo mntwana uza kwaluka ngumamni isiduko sakhe? (1)

3.2 Kwalile ukuphuma kwelanga, bephithizela abafazi namadoda kumiswa ibhuma. Ithe iqina imini labe selingathi elo bhuma lalidalelwe kuloo mmango. Eli bhuma lalingahlukanga kwindlu kathekwana phezu komlambo kuba lamiswa ngokungxama okukhulu, kuba besithi abantu balibazisa umnxilo. Enye into kwathi ngenxa yokunqongophala kwengca yedobo lathanda ukuba krelekrele, kanti ke awakudala amabhuma ayesakhiwa ngocoselelo, nengca **ixhaphakile**. **(iphepha 46)**

3.2.1 Umbhali usizobela umfanekiso–ngqondweni webhuma elinjani xa elifanisa nendlu kathekwana? (2)

3.2.2 Mangaphi la makhwenkwe abeza kwaluswa apha kweli bali? (1)

3.2.3 Nika izizathu ezibangela ukuba u-Andile angenwe ngumbathalala ngokwalapha ebalini? (2)

3.2.4 Angena ngayiphi inyanga la makhwenkwe? (1)

3.2.5 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca ngasentla. (1)

3.3 "Sajini! Owam umntwana akazange ebe, tu. Ukuba aniwazi umthetho, inene ndiya kunifundisa umthetho." Waqokela lo mfazi efunga. Amapolisa akamphendulanga, asuka emka nenkwenkwe leyo. Ithe nje iveni ukuba imke, kwagqabhuka nto yimbi. Wakhonkotha uMaRhadebe emi esitalatweni, kucaca ukuba nokuphakamisa amakhwapha ukuncwasile. "Unani lo mntwana kaNontlantsi kakade? Angathi akubanjwa ngobusela atyhole wonke umntu? Inene mna ndazalelwa kule Monti, andizange ndize ngokuza kuthengisa amaqanda kule Monti," washwabula njalo uMaRhadebe. Uvele emnyango uNontlantsi wakhupha ezakhe iimbumbulu. **(Iphepha 12)**

3.3.1 Sithini isihloko seli balana? (1)

3.3.2 Ngubani igama lalo mntwana kaMaRhadebe kuthethwa ngaye apha? (1)

3.3.3 Enze senzo sini la makhwenkwe ukuze abe ayabanjwa? Abhaqeke njani kwesi senzo sawo? (4)

3.3.4 Uyangqinelana nendlela uMaRhadebe amthethelela ngayo umntwana wakhe? Cacisa. (3)

3.3.5 Sesiphi isixhobo esiye sisebenzise iimbumbulu? Ngokwalapha ebalini kuthiwa uNontlantsi wakhupha ezakhe iimbumbulu. Uthetha ukuthini umbhali? (3)

3.4 Kuthe kwakufika ithuba lokuba afune umfazi uSiganeko waxelela unina. Wavuya kakhulu unina. "NguTobhana kaNtini, lo ndisebenza naye," uphendule omnye. " Yini! Yini – yini, mntwan'am! Singathi sakugqiba ukusebenza kangaka noyihlo **usibulele ngokusizisela umpha wezala**? Uthe uze ushiye uNosisi lo kaMaMpinga kwabe kutheni? Unina unezinto zakhe njengam lo nje, uya kuthini undizela nomntwana oza kusarhaza izinto zam kuba ekhule engazange azibone?" "Mama ndiyamthanda uTobhana, ndaye andikholwa ukuba ndingaphila ukuba anditshatanga naye," uphendule unyana. **(iphepha 57)**

3.4.1 Ngubani igama likamama kaSiganeko? (1)

3.4.2 Ingaba uSiganeko ebenabo abantakwabo? Xhasa impendulo yakho (2)

3.4.3 Cacisa okuthethwa libinzana elibhalwe ngqindilili kulo mhlomlo ungentla. (1)

3.4.4 Ngokolwakho uluvo, ucinga ukuba ilungile le nto yenziwa ngumama ka Siganeko yokufuna ukukhethela unyana wakhe umfazi? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO B

## AMABALANA (APHA NAPHAYA – D.M.JONGILANGA)

**IMIBUZO EMIDE**

**Funda ezi zicatshulwa ilandelayo uphendule imibuzo engqamene nayo**

## UMBUZO 4

4.1 Kwathi ngenye imini evela esikolweni uNte wahlangatyezwa nguManqane. Wamxelela ukuba uHlophe obesakubaqesha ubanjwe kusasa loo mini ngamapolisa. Wahleka uNte akuva ukuba ugxa wakhe usindiswe kukuphinyela kwezo ngxingwa, waze wangena komnye weemigqomo yeenkunkuma eme esitalatweni. Uthe kwakuba nje uManqane wacebisa ukuba bangalali, bandwendwele yonke imizi enemoto.

uNte, uManqane kunye nabanye abahlobo babo bazizaphuli-mthetho ngokwasebalini bebangelwa lifuthe leemeko abakhule phantsi kwazo. Chaza indima ongayidlalayo ukunceda nokubuyisa isimo saba bantwana bakhankanywe apha ngentla xa kunokucelwa ukuba uluntu luze nengcebiso. **(iphepha 12)** (11)

4.2 "Akasoze aye apho owam umntwana. Aye kulahlwa endle kwanja zoth'umlilo? Ngaba andisekho," watsho bufudumala uNosisa. "Andikhange ndikucele nakancinane kulo mcimbi. Asizi kuliva ngawe isiko lakowethu, ukuba ke nguwe indoda yalo mzi xoxa lo mcimbi uwuqabelise, ndirhoxe mna".
" Yise ka-Andile, uthi umntwana wam makafumane iinzima owadlula kuzo wena kungekho mfuneko yaloo nto?"
" Nosisa, andizi kuxoxa nawe imicimbi yamaQocwa." Watsho uSizakele eguqukela kuZolani, "uvile ke mninawa andinamntwana ongalukela ezibhedlele nam lo ndaya endle." **(iphepha 43)**

4.2.1 Ngokwezimvo zakho,ucinga ukuba imbono kaSizakele yolwaluko kwezi mini iseyiyo? Bhala iingongoma zibe ntandathu kuphela ukuphuhlisa impendulo yakho. (6 x 2) (12)

4.3 Kukho intetho ethi esiXhoseni, "icebo lokutya umvubo kukuzozelisa", into ethetha ukuthi xa ufuna into ethile iphumelele yenza icebo eliza kuthi likuncede koko.
Yithi gqaba-gqaba ngamazwi ambalwa uveze amacebo kaTobhana ezama ukozophula kumalahle omtshato kwibalana uTobhana umolokazana kaDyonase. (12)
**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO C:

## IDRAMA (UTHEMBISA NOMAKHAYA)

## IMIBUZO EMIFUTSHANE

**Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngocoselelo wandule ukuphendula imibuzo.**

## UMBUZO 5

5.1 UMAKHAYA: Ukuba ebesazi ukuba kokukhona ndisebenza kakuhle xa emi apha. Kulungile xa kuthe kanti useyintombi. Siya kukhe siziphose thina boosokadala. Kowu! Ndingaba ndahlukene nendlala. Intombi iyabonakala ukuba imi kakuhle. Kuza kufuneka ndingaphozisi maseko. Kunjalo nje ndiza kwenza into ephucukileyo. Ndiza kuyibekela idinga phaya esibhedlele. **(iphepha 3)**

5.1.1 Wayesenza msebenzi mni uMakhaya? (1)

5.1.2 Wathini uMakhaya xa ezigqabaza kwesi sithethi athetha ngaso apha ngasentla? (2)

5.1.3 Wazi njani uMakhaya ukuba uThembisa useyintombi? Cacisa. (2)

5.1.4 Nika iintsingiselo zamagama akrwelelwe umgca kwisicatshulwa. (2)

5.1.5 Abantu bangasebenzisa ndlela zimbi ezilungileyo kunesi simo sikaMakhaya sobuncukuthu ukuzikhupha endlaleni. Zichaze zibe mbini. (2)

5.1.6 Uthetha ukuthini uMakhaya xa athi: “Ndingaba ndahlukene nendlala” xa wayedibana noThembisa? (2)

5.1.7 Yintoni le yenziwa nguMakhaya iphucukileyo ukuzama ukuphinda abonane noThembisa? (1)

5.2 Kwicala **leenkozo** ubonakala elambatha, nangoku uhamba ngobhontsi. Ezi ngongoma zombini ngathi zindilungele. Ndikude kuye ngemfundo ngoko ndoba nokumthinzela kakhulu. Kwicala leenkozo konyanzeleka ukuba andibuse. **(iphepha 4)**

5.2.1 Uthetha ukuthini uThembisa xa athi “ubonakala elambatha, nangoku uhamba ngobhontsi.” (2)

5.2.2 Nika isigqibo awafikelela kuso uThembisa akuba ebone inkangeleko kaMakhaya? (3)

5.2.3 Ngubani umntu othe wanenxaxheba kule nkangeleko kaMakhaya? (1)

5.2.4 Nika enye intsingiselo yeli gama "iinkozo" ngaphandle kwale ikwisicatshulwa. (1)

5.2.5 Nika isichasi seli gama 'ukulambatha' ngokwalapha ebalini. (1)

5.2.6 Isifanokuthi sika 'ukubusa' ngu ... Gqibezela. (2)

5.3 Azi ukuba bendinokukwazi na ukumbuza uZamile? Bendiya kumqala ngaphi eneyakhe nje imoto? Ngaphaya koko bendiya kuba **ndizibizela intonga.** Le indoda iziva inyanzelekile ukuba inike impendulo ezeleyo neyanelisayo. Mandiye kwenza into ephungwayo ndimlungiselele nesidlo sakusasa phambi kokuba ndithi ngqwa ukususa obu buphezulu.

**(iphepha 9)**

5.3.1 Yintoni le awayefuna ukuyazi uThembisa kuMakhaya? (1)

5.3.2 Yathini impendulo? (3)

5.3.3 Ingaba impendulo awayeyinikwa nguMakhaya uThembisa yayiyinyani? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.3.4 Cacisa le ntetho ikrwelelwe umgca ngaphantsi apha kwisicatshulwa. (2)

5.3.5 Yakha iqhalo ngeli gama elithi: intonga. (1)

5.3.6 Uthetha ukuthini xa esithi: ngqwa (1)

5.3.7 Ngubani igama lomnye umfo owayesazana noThembisa ngaphandle kukaZamile noMakhaya, esenza msebenzi mni? (2)

**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO C:

## IDRAMA (UTHEMBISA NOMAKHAYA)

## IMIBUZO EMIDE

**Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngocoselelo wandule ukuphendula imibuzo.**

## UMBUZO 6

6.1 "Kuphilwa ngamntu." Le ntetho apha kweli bali isetyenziswe ngendlela yokuncuva ngaba balinganiswa babini balandelayo. Khawubonakalise ukuba ngokwenene bangabalinganiswa abemba kwabanye eqolo.

Cacisa le ntetho ngokuthi ucaphule kwisimo saba balinganiswa babini balandelayo:

6.1.1 Laura (4)

6.1.2 Makhaya (6)

6.2 UMAKHAYA: Khawufane ucinge ndakugqiba ukubeka umtshato nobomi bam esichengeni, ndixelelwa sisibhadubhadu sakwaJuliwe ukuba mandiphume ndiphele kule ndlu. Kanye okwenyoka ingena emngxunyeni wempuku.

**(iphepha 33 )**

6.2.1 Ngqiyama ngale ntetho ikrwelelwe umgca uveze indlela esibubeke esichengeni ngayo ubomi nomtshato waso esi sithethi singentla. Caphula kwiziganeko ezithe zehla apha ebalini. (10)

ULAURA: Kowu! Ndiyamvela lo mntwana womntu uzithe nka ngonyaka onesiqhuma wetshijolo elingazani kwaphela nempangelo. Khawufane ucinge xa lalifuna loo nto. Rhaa! Alazi ukuba mna ndize kuphangelela abazali nabantwana basekhaya apha?

**(iphepha 12)**

6.2.2 ULaura ebenokuzibhaqa esengozini ngenxa yendlela aphila ngayo kule mihla siphila kuyo. Ngqina le ntetho ungqiyame ngezi ngongoma zilandelayo:

A kwezoqoqosho

B kwezempilo

C nekamva. (15)

**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO D:

## IMIBONGO (AWESELWA 3- W.M. KWETANA)

## IMIBUZO EMIFUTSHANE

**Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo ephathelele kuyo.**

## UMBUZO 7

Imfundo

Sisixhob'esintlangothi mbini.
Ngumvuli naxa kuqanyangelwe
Kutsh'ubumnyama bugabuke.
Ngumfungeli wal'ukhanyo.
Ngumxonxi-simo somntu.
Ngumseki-ntlalo kuluntu.

Amandl'awavami kusetyenziswa,
Kub'ubuchopho sebabhucwa.
Yehova, ndiphe nam ikhwele
Lokukhwel'inqanawe yenkcubeko.
Andimnt'uthand'ukuthi finini;
Ndithand'ujuzelo-mafini.

Andaneliswanga kukufunda,
Andiphiliswa ngumahluko,
Kuthe ngco luqeqesho.
Entlalweni ndathembisa,
Ndabhambhathis'esizweni,
Ndocakazel'uluntu jikelele.

Baninz'abaphoswe sesi sipho,
'Ngginginy'ezuze lo mthomb'ehlathi.
Thoban'unxano ngenzolo kuloo manzi,
Abangelutho bangathotyelwa matye.
Nizinxweme koo"sesididiyele"
Kub'eso sipho sakuba seyele.

I.V. Mtamzeli

**(iphepha 9)**

7.1 7.1.1 Isitanza sokuqala sityebile zizimntwiso. Khetha zibe zibini kuphela. (2)

7.1.2 Nika isafobe esifumaneka kumgca wokuqala uze usicacise kumgca ngamazwi akho. (2)

7.1.3 Cacisa ngamazwi akho ukuba imbongi ithetha ukuthini xa isithi: ngumxonxi-simo somntu (isitanza soku-1 umqolo wesi-5 ) (2)

7.1.4 Nika izithethantonye seli gama: 'ubuchopho' (1)

7.1.5 Umntu othanda ukuthi finini, ngumntu onjani? Chaza ngamazwi akho. (1)

7.1.6 Chonga umgca apha embongweni ongqinelana nentetho edla ngokusetyenziswa ethi: “imfundo sisitshixo sazo zonke iingcango”. (1)

7.1.7 Yintoni esi sipho imbongi ithetha ngaso apha kumhobe? (1)

7.1.8 Xa ubani esithi wenze isibhambhathiso uthetha ukuthini? (1)

7.1.9 Ithi imbongi “Baninzi abaphoswe sesi sipho” Nika izizathu zibe zithathu ngokwembono yakho ebezinokubangela oku. (3)

7.1.10 Kukuthini ukudidiyela kwaye kunayiphi intsingiselo apha kulo mbongo? (2)

7.1.11 Ungabayala uthini abantu abangekaliboni ixabiso lemfundo? Khawutsho ngamazwi akho. (2)

**7.2 Funda lo mhobe ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo**

INGOMA
Sisidlo sazw'iindlebe
Luyolo lomphefumlo.
Yimbangi yobushushu.
Luchwayitiso ntliziyo.
Yomelez'abatyhwatyhwi
Yakutsho ngondiliseko.
Kusik'iintumbu. 7

Lidangatye kumphefumlo.
Kwiindlela zotyhulubo
Iingxaki ziphele nya
Kwiinkumbulw'ezikude,
Kumazw'amaphupha,
Kusiphuke iinwele
Kumzim'ontlontl'iintolo. 14

Lufudumalo lwefuthekazi.
Inkxwaleko zilityalwe.
Kwiindidi zeentlabeli.
Kulow'ubukeleyo
Kudalek'usizi.
Kwiimo zasemfazweni
Kudum'igubu kubhodlok'uvalo.
Kukhul'iingxilongo
kubhal'umgc'esiswini. 23

Nguhlokoz'ifuthe kwizithandazwe –
Lihlob'igazi kubaswa ngezixhobo.
Kanti nakwimbutho zezaci –
Aphum'aph'amaciko.
Zivel'apho neembongi.
Aphum'aph'ayolisa.
Kukhuphiswano ngesingqisho,
Zidul'apho neentyulubi. 31

Obukeleyo kunzim'ukunyamezela.
Iinkenenkene azinakuzibamba,
Kudal'uqukuqelo lweenyembezi.
Lihlombe novakalelo,
Ziinkumbulo zamandulo –
Kukhanye neemfihlelo
Zisiza njengefuthe. 38

Ingoma ngumgxothi weentsizi.
Ngumdibanisi wezalanayo.
Ngumkhuthazi wothando.
Kuphenjw'eso sithatha,
Siphenjw'entliziyweni,
Kuzodalek'iinkumbulo,
Mhla ngoqelelwano. 45

Ingoma iyaxakisa;
Kuzalwa iyathetha,
Kufiwa iyalunga,
Kuvuyw'iyaphetshwa,
Kulilw'iyathandwa.
Ngumbaseli – ntliziyo,
Unik'ithemba kwabaze. 52

Ingom'ikwalichiza,
Angatsho noCirha
Ngemihla yembarha.
Imidudw'eyidyarha.
Kaloku wayesarha –
Elilo negorha. 58

**(iphepha 30)**

7.2.1 Sinantsingiselo ni isafobe esifumaneka kulo mqolo woku- 1 kulo mbongo? (1)

7.2.2 Ingoma ibanceda njani abatyhwatywi? (stanza 1 umqolo 5). (1)

7.2.3 Bhala isithethantonye sesiqaqambisi u-nya (stanza sesi-2 umqolo wesi-3). (1)

7.2.4 Xa kusithiwa "kusiphuka iinwele" emntwini ngokwalapha embongweni sukube kusenzeka ntoni kuloo mntu kanye kanye? (2)

7.2.5 Khetha igama elichanekileyo elichaza ingoma yemfazwe:

A ingwatyu
B igwatyu
C igatya (1)

7.2.6 Nika izinto zibe ntathu ethi imbongi zivela kwimbutho zezaci. (3)

7.2.7 Safobe sini esisetyenziswe kumgca wokugqibela kwisitanza sesihlanu? (1)

7.2.8 Ngumntu onjani oyinkenenkene umqolo wesi 2 isitanza sesi- 5? (1)

7.2.9 Chaza intsingiselo equlethwe ngumqolo wokugqibela kwisitanza sesi -6. (2)

7.2.10 Nika igama elikwathetha, "iyeza", elifumaneka kwisitanza sokugqibela. (1)

7.2.11 Nika umzekelo womntu omaziyo ongathi lithandazwe lokwenene apha eMzantsi Afrika. Kutheni uchonge loo mntu nje? (2)

7.2.12 Kwisitanza sokugqibela kusetyenziswe imvano siphelo. Yintoni injongo yombhali yokwenza oko? (1)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 70**